# Umanyano! Nomfela ndawonye!!

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Zatsho ! Ngentsholo Intombi ngo-Manyano,
Awu ! Safa singafunelwanga Gqira
Kunini kodwa sigqor'a ukuteta
Sidiliza amawa sibeka izizatu.

Amanzi e Afrika makahlokome
Iliswi le sizwe liliswi lika Tixo
Indlela mazihlwayele u Manyano
Olusuka apa lume ngo Tukela.

Umanyano ! Nomfelandawonye
Zijongene ngobuk'ali bunina
Zinje ngemibete yase Herimone
Elalayo Entabeni ezo ze Ziyoni

Umanyano ! Nomfelandawonye
Zijongene ngabuk'ali bunina
Zibamba ihlelo mhla kuliwayo
Zahlukane kwakukov' ukuhluzwa Taru !

Ndizakuzongoma ! Ndibuyelela
Ndixelise izulu lase Mtata
Ndode ndiqubule noba li Laukazi
Kuba kakade alinxiwa laluto

Ungatandaza usunduze nentaba
Umanyano lungeko ukunto yanto
Ungafanelana unako nokwazi
Uligantyagantya nje njengamanzi

Umanyano lululuhlu lwanu
Kwingcambu zomhlaba zising' Ezulwini
Kuqala nakupetela ngo Manyano
Zenizipepe nentolo zabelungu

Ezulwini kwa Ntlalontle ! Niyevana !
Kwasekwa ngo Manyano ! Hai bo !
Atiyela amachanti Enyangweni
Zagqume Ingilose Onteiba Zilubhelu.

Yivanike ! Uxakiwe u Somandla
Mawetu ukusinik' amandla
Umanyano lwetu silwenza ngemilomo
Sadunyelwa bux'onti singenaboya

Felandawonye uvum' ingom' ibenye
Nowakowenu yifela ndawenye
Uxole kanye wambete am-bhayi
Zikangelane nentab' eziye Gqili

Umanyano lunalishwa lanina
Sesaxakwa nokulutsholozela
Lozinkomo zetafa zimnka nenkungu
Lujonga ne Remente ziqekezeke

Umanyano lunalishwa lanina
Nemizi ka Tixo yaba nxiwa
Kumka befundisi kulili zikova
Imnkile nemfene ebindizimasa

Yintoni emandla angango Manyano
Kuninina lenyaniso siyixela
Novuka engcwabeni esixelela
Singekolwe kuba naku asikolwa

Yivake !